ISikhokelo seNkqubo yokuSebenza eMiselweyo LiSebe leMfundo leNtshona Koloni sezicelo zokufakwa emva Kwexesha

# KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO



# Yintoni iNkqubo yokuSebenza eMiselweyo (SOP)?



INkqubo yokuSebenza eMiselweyo (SOP) sezicelo zokufakwa emva kwexesha kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo inika isikhokelo kubazali, kubagcini babafundi, nakubakhathaleli babafundi, kwakunye namagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) nakwiinqununu zezikolo, ngezicelo ezifakwe emva kwexesha ezikolweni eNtshona Koloni.

Le SOP yayiyalelwe yinkundla kwaye isisiphumo soloyiso olufunyenwe nzima liZiko loMthetho i-Equal Education Law Centre (EELC) kunye ne-Equal Education (EE) kubafundi abangenazo iindawo kwiNtshona Koloni iphela.

# Yintoni indima yeNkqubo yokuSebenza eMiselweyo (SOP)?

I-SOP isebenza kwizicelo ezifakwe **emva kwexesha zeBanga R, iBanga 1, neBanga 8,** kwakunye **nezicelo zokutshintshelwa** kwesinye isikolo—izicelo ezenziwa ngabazali, ngabagcini babafundi, okanye ngabakhathaleli babafundi abafuna ukwamkelwa **kumaBanga 2–7** okanye **amaBanga 9–12**.

Eyona njongo iphambili ye-SOP kukuqinisekisa ukuba abafundi bafakwa esikolweni **ngexesha elifanelekileyo** emva kokungenisa izicelo zabo.

# Inkqubo yabazali, yabagcini babafundi, okanye yabakhathaleli babafundi yokungenisa izicelo

Oko kufuneka kwenziwe ngumzali, ngumgcini womfundi, okanye umkhathaleli womfundi

## Izicelo zasemva kwexesha – iBanga R, iBanga 1 neBanga 8

**1.**
Qhagamshelana nesiko-lo esikufutshane okanye i-ofisi yeSebe WCED / Departemnt of Education ukuze ufumane uncedo.



**2.**
Zalisa uze uyingenise ifomu yesicelo yeSebe iWCED (IsiHlomelo A – Ukwamkelwa okanye isiHlomelo B – iBanga R). Qinisekisa ukuba ufunyenwe irisithi engqina ukuyingenisa ifomu (isiHlomelo E) njengobungqina bokungeniswa kwayo.

**3.**
Ngenisa iikopi ezingqinisiweyo ngesitampu nezicacileyo zamaxwebhu okanye iincwadi ezifunekayo nezixhasayo esikolweni okanye kwi-ofisi yesithili semfundo.

**4.**
Ukuba awafumaneki amaxwebhu okanye iincwadi ezixhasayo, ngenisa i-afidavithi efungelweyo esayiniweyo (enjengesiHlomelo C) evela kumkomishinala wezifungo (umz. igosa lamapolisa).

EELC EQUAL EDUCATION LAW CENTRE | EQUAL EDUCATION

Inkqubo yesicelo sokutshintshela

# Izicelo zokutshintshelwa zasemva kwexesha – amaBanga 2-7 okanye amaBanga 9-12



## 1.

Zalisa uze ungenise ifomu yesicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo (isiHlomelo D) kwisikolo ozikhethela sona okanye kwi-ofisi yesithili semfundo.

## 2.


Qinisekisa ukuba ufunyenwe irisithi engqina ukuyingenisa ifomu (isiHlomelo E) njengobungqina bokungeniswa kwayo.

## 3.

Kucelwa uqaphele: Ukungenisa ifomu yokwamkelwa kwabafundi ezaliswe zonke iinkcukacha ngokupheleleyo akuqinisekisi sithuba kweso sikolo.



## Amaxwebhu okanye iincwadi ezifunekayo



### KumaBanga R, 1, 8, nezicelo zokutshintshel-wa kwesinye isikolo:

Iikopi ezingamaphepha ezingqiniweyo ngesitampu zamaxwebhu okanye iincwadi ezixhasayo mazingeniswe esikolweni okanye kwisithili. La maxwebhu okanye iincwadi ziya kuthi emva koko zifakwe kwi-system yekhompyutha sisikolo okanye sisithili.



### Ixesha lokungeniswa:

Umzali, umgcini womfundi, okanye umkhathaleli womfundi makangenise iikopi ezingamaphepha kuphela emva kokuba umfundi amkelwe kwaye ukhetho lokugqibela luqinisekisiwe ngomhla obekwe sisikolo.



**Isicelo ASIPHELEKANGA de angeniswe esikolweni onke amaxwebhu okanye iincwadi ezixhasayo ezifanelekileyo afunwa liSebe iWCED.**

## Amaxwebhu okanye iincwadi ezixhasayo ezifunekayo

### AmaBanga R, 1, kunye nezicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo (AmaBanga 2–7) - iSikolo sasePrayimari

→ Ikhadi lokugqibela lengxelo yesikolo/iziphumo zomfundi (ukuba ebekhe waya esikolweni).

→ Isazisi (ID)/isatifikethi sokuzalwa/ipasipoti yomfundi:

- OKANYE, isatifikethi sokuzalwa/ipasipoti yomfundi.
- OKANYE, kubafundi bamazwe angaphandle, ikopi yemvume yomzali/yomgcini womfundi yembacu okanye imvume yokufuna indawo yokusabela (igama lomfundi malivele).
- OKANYE, ukuba umfundi akazalelwanga eMzantsi Afrika, imvume yembacu okanye indawo yokucela indawo yokhuseleko egameni lomfundi.
- OKANYE, ukuba umfundi wabazali basemzini uzalelwe eMzantsi Afrika, isatifikethi sokuzalwa esibhalwe ngesandla (ifomu ye-DHA 19) okanye i-afidavithi efungelweyo esayiniweyo efana nesiHlomelo C.

→ Ikhadi logonyo (i- Road to Health Chart) yomfundi (kwizikolo zaseprayimari kuphela).

→ Ubungqina bendawo yokuhlala (iakhawunti kamasipala okanye yerhafu/isivumelwano sokuqeshisa/i-afidavithi eqinisekisa ukuhlala).

## Amaxwebhu okanye iincwadi ezixhasayo ezifunekayo

IBanga 8 kunye nezicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo (AmaBanga 9 – 12) - iSikolo samaBanga aPhakamileyo

- Ikhadi lokugqibela lengxelo yesikolo/iziphumo zomfundi (ukuba ebekhe waya esikolweni).
- Isazisi (ID)/isatifikethi sokuzalwa/ipasipoti yomfundi:
  - OKANYE, kubafundi bamazwe angaphandle, ikopi yemvume yomzali/yomgcini womfundi yembacu okanye imvume yokufuna indawo yokusabela (igama lomfundi malivele).
  - OKANYE, ukuba umfundi akazalelwanga eMzantsi Afrika, imvume yembacu okanye indawo yokucela indawo yokhuseleko egameni lomfundi.
  - OKANYE, ukuba umfundi wabazali basemzini uzalelwe eMzantsi Afrika, isatifikethi sokuzalwa esibhalwe ngesandla (ifomu ye-DHA 19) okanye i-afidavithi efungelweyo esayiniweyo efana nesiHlomelo C.
- Ubungqina bendawo yokuhlala (iakhawunti kamasipala okanye yerhafu/isivumelwano sokuqeshisa/i-afidavithi eqinisekisa ukuhlala).
- Isibonelelo samaxwebhu okanye seencwadi ezixhasayo ezifunekayo ezingekhoyo:
  - Nawuphi na umfundi onomzali/onomgcini wakhe angamnikanga amaxwebhu okanye iincwadi ezi mfuneko ngethuba esenza isicelo sokwamkelwa usengaya esikolweni.
  - Inqununu mayicebise umzali/umgcini womfundi/umkhathaleli womfundi ukuba angenise amaxwebhu okanye iincwadi ezifunekayo zingadlulanga iintsuku eziyi-30. Ukuba abanako ukwenjenjalo, mabaxelele inqununu ngokulibaziseka okanye ngobunzima.

# I-SOP mayifundwe kunye nezi setyhula zilandelayo:

- ISetyhula ethi **Ukwamkelwa kwabafundi baseMzantsi Afrika abangenamaphepha okanye abafundi bamanye amazwe,**
- Isetyhula ethi **Izenzo ezingekho mthethweni ezinxulumene nokwamkelwa esikolweni,**
- Isetyhula ethi **Inkqubo yokwamkelwa kwi-Intanethi njengekuphela kwenkqubo esemthethweni**, kunye
- Nesetyhula yonyaka ngamnye echaza **amaxesha amisiweyo okwamkelwa kwabafundi.**

I-SOP kufuneka kwakhona ifundwe kunye **noMgaqo-nkqubo weWCED woLawulo loKwamkelwa kwaBafundi kunye noBhaliso lwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo**, osajongisiswayo njengangoku. Logama lo mgaqo-nkqubo usephantsi kohlaziyo, **nakuphi na ukungqubana phakathi komgaqo-nkqubo kunye ne-SOP**, okanye phakathi kwe-SOP kunye nezi setyhula zikhankanywe apha ngasentla, kuthetha ukuba **i-SOP iya kuqala**.

I-ofisi yesithili semfundo inoxanduva lokusingatha izicelo ezifakwe emva kwexesha kwaye kufuneka yenze zonke iinzame zokufumana indawo kwiizikolo **ngeentsuku eziyi-21 zesikolo**. **Abaphathi beesekethe** banoxanduva lokuqinisekisa ukuba bonke abafundi, kubandakanywa nabo bafake izicelo emva kwexesha, bafakwa ezikolweni ezikwizithili zabo.

Ukuba ufuna uncedo fumana iinkcukacha zoqhagamshelwano zeSebe iWCED okanye i-ofisi yeSithili seMfundo seMetro East apha ngezantsi:

| Uncedo lwezicelo ezifakwe emva kwexesha kwiSithili seMfundo seMetro East | Iinkcukacha zoqhagamshelwano |
|---|---|
| **IZiko loQhagamshelwano leSebe iWCED**<br>Iiyure: 07h30 - 17h00 | Ifowuni: 0861 819 919 |
| **Inkxaso yokwamkelwa kwabafundi kwii-Ofisi zeZithili**<br>Iiyure: 07h30 - 16h00 | |

| Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeSithili seMfundo seMetro East | |
|---|---|
| **I-ofisi yeSithili seMfundo seMetro East** | Idilesi: eBelhar Main Road kunye neNew Nooiensfontein Drive, Kuils River<br>Umnxeba: 021 900 7000 |
| **UMnu. Patrick Mdledle** | Ifowuni: 021 900 7047<br>I-imeyile: Patrick.Mdledle@westerncape.gov.za |
| **UMnu Zukisa Cwayi** | Ifowuni: 021 900 7040<br>I-imeyile: Zukisa.Cwayi@westerncape.gov.za |

Ukuba umzali, umgcini womfundi, okanye umkhathaleli womfundi akafumani mpendulo kwiSebe iWCED kwiintsuku eziyi-21 zesicelo sakhe, unokuqhagamshelana ne-Equal Education Law Centre. Oku kuya kusinceda ukuba sibeke esweni ukuthotyelwa kweSebe leWCED i-SOP nokuqinisekisa ukuthotyelwa komyalelo wenkundla.

## IZiko loMthetho weMfundo Elinganayo (Equal Education Law Centre)

**Idilesi:** Umgangatho wesithathu, Isivivana Centre, 8 Mzala Street, Khayelitsha, eKapa

**Ifowuni:** 021 461 1421 / 080 011 0752

**I-imeyile:** info@eelawcentre.org.za

**WhatsApp:** 073 058 8622